



Province of the EASTERN CAPE  
EDUCATION

25 – 29 MAY

GRADE 3

Ukuphula-  
phula  
nokuthe-  
tha

DBE: Ibali - Iilizwe leembovane.




Iimbovane ziyasebenza. Zihlala ndawonye ezindlwani zazo. Ziyakwazi ukutya ndawonye zidedelane. Xa ulandela umkhondo weembovane uza kubona ukutya ekupheleni kwawo. Ngakwelinye icala uza kubona indlwane. Xa imbovane ifumana ukutya yenza umkhondo ukuze nezinye zilandele. Zilandela loo mkhondo zide zifike ekutyeni. Ziyakuthanda ukutya okuneswekile njenge jem neswekile. Futhi zitya ukutya esikushiyayo ekhaya. Xa zifika kuko ziyaku jikeleza zibe ninzi. Xa ubeka iphepha elinokutya kufutshane nendlwane yeembovane uza kuzibona zifika zilandelana zisiza ngomkhondo. Emva kokususa oko kutya uvuthulula, iimbovane ziyakulandela kuba zikuva ngomkhondo omdala. Kuthatha ixeshana ukuba ziwufumane umkhondo wako. Xa imbovane ifumana ukutya, ihamba ishiye phantsi ivumba elithile eliza kuba ngomkhondo. Ezinye iimbovane ziyalinukisa eli vumba ze zililandele.

Izixhobo.  
DBE  
Iphepha  
128



<p><b>Isandi</b></p> <p>ndy, ndyw</p>	<p><b>Funda la magama, kwenziwe upelo.</b></p> <p>1. izandyondyo</p> <p>2. iindywala</p> <p>3. indyebo</p> <p>4. indyandya</p>	<p>Amagama anezandi zeveki</p>
---------------------------------------	--	--------------------------------

<p><b>Ukubhala ngesandla</b></p>	<p><b>Ukubhala ngokudibanisa.</b></p> <p>Phinda ubhale phezu kwala machaphaza uze uqhube ugqibezele.</p> <p><i>izandyondyo</i></p> <p><i>indywala indywala</i></p> <p>Bhala la magama phezu kwala machaphaza.</p> <p><i>izandyondyo indyandya indyandya</i></p> <p>Phinda ubhale esi sivakalisi phezu kwala machaphaza.</p>	<p>Worksheet to trace handwriting pattern.</p>
----------------------------------	---	--



Ukubhala

1. Bhala izivakalisi kwixesha langoku.

a) Imbovane zitya iswekile.

---

b) Umama uza kuvasa izitya.

---

2. Bhala la magama abe kwisininzi

a) imbovane - .....

b) iswekile - .....

c) iphepha - .....

d) ukutya - .....

e) indlu - .....

Imisebenzi  
emalunga  
nezandi.

	<p>3. Fakela uphawu lombuzo, iimpawu zocaphulo ".....", uphawu lokukhuza, unobumba omkhulu nesingxi.</p> <p>a) kutheni ushiye iswekile ungayivalanga  b) Yhuu ndiyazoyika mna iimbovane  c) Phakamani nonke niyokuvasa izitya, ufike watsho umakhulu.  d) sele ezivasile umama, uphendule watsho ubusi.</p>	
<p>Ukufunda</p>	<p>Funda ibali.  <b>Ilizwe leembovane.</b></p> <p>Iimbovane ziyasebenza Ubusazi ukuba iimbovane zihlala ndawonye ezindlwani zazo? Uthi ubusazi ukuba iimbovane ziyakwazi ukutya ndawonye zidedelane? Xa ulandela umkhondo weembovane uza kubona ukutya ekupheleni kwawo. Ngakwelinye icala uza kubona indlwane. Landela umkhondo weembovane Xa imbovane ifumana ukutya yenza umkhondo ukuze nezinye zilandele. Zilandela loo mkhondo zide zifike ekutyeni. Ziyakuthanda ukutya okuneswekile njenge neswekile. Futhi zitya ukutya esikushiyayo ekhaya. Xa zifika kuko ziyaku jikeleza zibe ninzi. Zama oku Beka iphepha elinokutya kufutshane nendlwane yeembovane. Lindela iimbovane ukuba zikufumane oku kutya. Uza kuzibona zifika zilandelana zisiza ngomkhondo. Kususe ke ukutya. Ingaba ziyakulandela? Kwenzekani xa uvuthulula ukutya? Emva kokuvuthulula ukutya iimbovane ziyakulandela. Zikuva ngomkhondo omdala. Kuthatha ixeshana ukuba ziwufumane umkhondo wako. Kungoba kutheni? Xa imbovane ifumana ukutya, ihamba ishiye phantsi</p>	<p>DBE  Iphepha  128</p>



	<p>ivumba elithile eliza kuba ngumkhondo. Ezinye iimbovane ziyalinukisa eli vumba ze zililandele.</p>	
--	---	--

